Isifundo 11

**Disemba 5–11*

UmKristu Nomsebenzi

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:

Gen. 3:19, Dut. 16:15, Eks. 25:10–30:38, Gal. 5:22–26, Intsh. 9:10, 1 Kor. 10:31.

Indima Yenkumbulo:

"Ngoko ke, bazalwana, bam, abaziintanda, qinani, ningabi nakushukuma; nihlale niphuphuma umsebenzi weNkosi, nisazi nje ukuba ukubulaleka kwenu akulambathi eNkosini" (1 Korinte 15:58).

Umsebezi yingcamango kaThixo. Kwilizwe lemfezeko ngaphambi kwesono, uThixo wanika uAdam noEva umsebenzi wokukhathalela umyezo (Gen. 2:15). njengoMdali wabo, abenziwe ngokomfanekiselo waKhe, babeza kuxakeka kumsebenzi odalayo nenkonzo enothando. Oko kukuthi, kwakumhlaba ongawanga, umhlaba ongenaso isono nokufa nokubulaleka, uluntu lwaluza kusebenza. Kweli "xesha laphakathi nendawo" (emva komhlaba onemfezeko naphambi kowesithembiso), simenywa ukuba siwubone umsebenzi uyintsikelelo kaThixo. Phakathi kwamaYuda, wonke umntwana wayefundiswa umsebenzi wezandla. Kakuhle, kwakuthiwa uyise owayengamfundisi unyana wakhe ishishini wayeza kuba ukhulisa isikrelemnqa. Ngelo xesha linye, uYesu, uNyana kaThixo, wachitha iminyaka esenza intando kaYise kumsebenzi onyanisekileyo njengechule, mhlawumbi efumanisa abantu baseNazarete iimpahla zendlu ezidingekayo nezixhobo zokulima (Marko 6:3). Noku, nako, kwakuyinxalenye yoqeqesho ukumlungiselela ulungiselelo lwaKhe olwalungaphambi kwaKhe. Umpostile uPawulos wayesenza umsebenzi weNkosi ngexesha, ngokuqinisekileyo, wayesebenza ecaleni kuka-Akwila noPrisila umnyaka onesiqingatha engumenzi weentente ngexesha ngeSabatha wayexoxa endlwini yesikhungu (IZenzo 18:1–4, 2 Tes. 3:8–12). Kule veki siza kuqwalasela kuwo wonke umba womsebenzi kunye nendawo yawo kwimfundo yobuKristu.

**Funda isifundo sale veku ukulungiselela iSabatha kaDisemba 12.*

Amacala Amaninzi Omsebenzi

“Ndiyazi ke ukuba akukho nto ilungileyo phakathi kwabo, ingekukuvuya nokuzizuzela okulungileyo ebomini babo. Kwanokuba wonke umntu adle asele, abone okulungileyo emigudwini yakhe yonke: sisipho sikaThixo eso” (Intshumeyeli 3:12, 13).

“Umsebenzi”—elo ligama eliqinileyo lama-Anglo-Saxon elingenazihombiso. Lilungu elinye esiNgesini, kanti linokuba nentlaninge yeentsingiselo. Ngokudingeka, sisebenzela ukubeka ukutya ezitafileni zethu, ukuhlawula amatyala, ukubekela umhla ozayo. Ukulahlekwa ngumsebenzi kukholisa ukuba kubi kunokunyamezela imeko embi yasemsebenzini. Umsebenzi umnika umntu ingqondo yokuba nexabiso. Umsebenzi uyindlela elula yokuphendula umbuzo “Wenza ntoni?” okanye “Uyintoni?” abaninzi abakumhlala-phantsi baqhubeka besebenza ngamaxesha athile lo gama besakwazi, nokuba bayahlawulwa okanye njengamavoluntiya. Umsebenzi unika isizathu sokuvuka kusasa. Nika umntwana ofikisayo umsebenzi, kuya kubakho umntu omnye ongekhoyo ukuba abe sisikrelemnqa.

Funda: Genesis 3:19. Kuthethwa ngantoni apha, yaye isithini kuthi ngelinye icala lomsebenzi, kwabanye?

Ngequbuliso, umsebenzi onikwe ngaphambi kokuWa uyaguquka emva kokuWa. Nanku okuthethwayo kwelinye icala lomsebenzi. Kwabanye, umsebenzi uthetha indinisa yokutsala nzima kuphela, okuya kuphela kwakufiwa. Basebenza nzima emisebenzini abangayithandiyo, bethembe umhlala-phantsi lo gama basenempilo yabo. Kwabanye, umsebenzi unokudlula ngaphaya kobomi bomntu, ube ngundoqo wobukho bakhe, kwaijelo oyinto yonke ayiyo. Xa bengekho emsebenzini wabo, aba bantu baziva bedakumbile, begqwethekile, bengaqinisekanga ukuba mabenze ntoni okanye babheke phi. Bakufika kumhlala-phantsi, banokuba ziingceba ngomzimba nasengqondweni, bakholise ngokufa phambi kwexesha. AmaKristu adinga ukufunda indlela yokusebenza ngendlela kaThixo. Umsebenzi ungaphezu kokudingeka kwendyebo. Umntu ungaphezu komqeshwa nje. Xa uqondwa kakuhle, ubomi bomntu buyindlela yolungiselelo, ukubonisa ubudlelane bomntu neNkosi. Inxalenye yomsebenzi wetitshala kukunceda abafundi ukuba bawufumane umsebenzi kulapho ubuchule nezinto ezithandekayo ezivela kuThixo zihlangana khona neentswelo zehlabathi.

Wenza ntoni? Oko kukuthi, wenza ntoni ngobomi bakho, unokuyizukisa njani iNkosi ngoko ukwenzayo ngabo?

Umsebenzi Nokukhulisa

Ubizo okanye umsebenzi uphethe "ukwenza" kobomi. Kanti ke, nabo basebenzisa ubuchopho kakhulu, baphela, ngandlela ithile, besenza umsebenzi othile womzimba, nokuba kukucofa nje amaqhosha ekompyutha.

Zisifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo ngomsebenzi—ukusebenzisa "izandla," umfuziselo?

Dut. 16:15

Intsh. 9:10

Imiz. 21:25

Yer. 1:16

UThixo usinike "umsebenzi wezandla zethu" ukuze sikwazi ukuzuza ukwaneliseka novuyo (bona Imiz. 10:4, 12:14). Kwisifundo ngengqondo, "ukuzisebenzela" kuchaza inkolo yokuba wonke umntu unaso isakhono sokwenza into elulutho ebomini. Ukuzisebenzela akukhuliswa kukuphindaphinda usithi, "Ndicinga ndiyakwazi! Ndicinga ndiyakwazi!" kuphela kukwenza into yokukhulisa ukuzisebenzela.

Nangona "umsebenzi wezandla zethu" uyintsikelelo kaThixo kuthi (bona iNdumiso 90:17) usivumela ukuba siphile ubomi obululutho, isiphelo secebo likaThixo sesokuba 'umsebenzi wezandla zethu" ube yintsikelelo kwabanye. UPawulos ubhala esithi masisebenze, senze into elulutho ngezandla zethu, ukuze sibe nento yokwabelana nabanye. Ngokuqinisekileyo uPawulos wayephila ngalo mthetho-siseko:

"Nina ke ngokwenu niyazi ukuba ezi zandla zazisebenzela iintswelo zam, nezababenam. Kuko konke endakwenzayo, ndanibonisa zonke izinto, ukuba ngokwenjenjalo ukubulaleka nimelwe kukuthi niyisize imilwelwe, nikhumbule namazwi eNkosi uYesu; ngokuba yena wathi, Ukupha kunoyolo ngaphezu kokuphiwa" (IZezono 20:34, 35, NIV). Umthandazo omsulwa kaNehemiya umele ukuba ngowethu: "Ngoko, Thixo, zomeleze izandla zam" (Neh. 6:9).

Ithini ingqondo yakho ngasemsebenzini wakho? Zeziphi iindlela ongathi ngazo ukwazi ukusebenzisa umsebenzi wakho ukuba kakhulu ube yintsikelelo kwabanye?

Umsebenzi Nokubalasela

Yithi rhwelele uEksodus 25:10–30:38. Wacoselela njani uThixo xa wayesithi uMoses makamise umnquba wokunqula? Kusixelela ntoni oku ngesimilo sikaThixo?

Xa uThixo wayexelela uMoses ukuba akhele "Yena" intente, uMoses wayenokuthi, "Akukho ngxaki, Yehova! Kukade ndisakha iintente seloko ndabaleka eYiputa kuma-40 eminyaka eyadlulayo. . . . Ndinike nje umzuzwana!" nakubani owayephila kwinkcubeko enokuhlala ngokungcuchalaza yakwaMidiyan ngaloo mihla, ukumisa intente kwakungumdlalo. Wayenokukwenza oko ecimele, kuzenzekele nje, isandla sakhe sikwezinye izinto ezibaluleke ngaphezulu. Into awayengayi kuyilindela uMoses ngumzobo onenkcukacha nobucukubhede obuninzi (besakhiwo esingelula kakhulu) kunye nodederhu lwendlela yokuwenza ngokubhekiselele kuhlobo lwempahla yendlu nganye engaphakathi, kwakunye neengubo zababingeleli—phantse i-150 lemiyalelo engamanqaku ngamanye ngamanye. Ukwakha itafile nje elula, uMoses kwafuneka alandele inkqubo emanyathelo asixhenxe yokuyihlanganisa (Exod. 25:23–30).

Ingqwalaselo kwiinkcukacha uThixo awazibonisa ekwakhiweni kwentente yaKhe (nakwimiyalelo yeenkonzo zokubingelela kamva) ibonisa umoya ogqubayo wokubalasela, umnqweno wokungavezi nto enganeno kwebalaseleyo. Iimpahla zokwenza zazizezelona xabiso liphezulu, uyilo lomfanekiso lungenasiphako, umsebenzi kwakufuneka ugqwesile—isigidimi sicacile: KuThixo, umsebenzi wokungakhathali awamkelekanga!"

Phofu ke, nangona umgangatho wawubonakala uphezulu, yayinguThixo ngokwaKhe owanika, kungekuphela umfutho, kodwa nezixhobo ezingabantu zokuwufikelela. Sifunda kuEksodus 31:1–6; 35:30–36:1 ukuba uThixo ngokwaKhe wabanika abantu ubuchule obudingekayo. La madoda aye"zaliswe nguMoya," ewanika zonke iintlobo zobuchule, ukuze ukwakhiwa komnquba nempahla yawo kuhambe njengoko "uYehova wamyalelayo" (Eks. 36:1, NRSV). Ngaphezu koko, abayili abaziingcaphephe banikwa "isakhono sokufundisa" (Eks. 35:34) ukuze ulwazi nobuchule babo buhlale bukho kumphakathi wakwaIsrayeli. Nangona aba babini bechongiwe ebalini leenkokeli ezinyulwe nguThixo, nabanye bazifumana izipho ezifanayo baza bahlangana kunye emsebenzini (Eks. 36:2).

Ngaloo ndlela, ukuba ngabantu abawileyo nabanesono akusiso isizathu esiphathekayo sokuwuthabatha nowuphi umsebenzi ngokuzinikela okungaphelelanga. UThixo ulindele ukuba senze okona kulungileyo esinako, sizibeke iitalente zethu, ubuchule, ixesha, nemfundo yethu ekwenzeni kakuhle imisebenzi emikhulu.

Umsebenzi Nokwasemoyeni

“Ukuba sidle ubomi ngokoMoya, masihambe nokuhamba kwangoMoya” (Gal. 5:25). Umsebenzi womntu okwasemoyeni akukwazi ukwahlukana. UbuKristu abuyiyo ingubo enokwambathwa okanye isuswe xa umntu etshintsha umoya okanye edlula kumabanga anzima ebomini. Endaweni yoko, ubuKristu budala umntu omtsha ozibonakalalisa kuwo onke amacala obomi, kuquka umsebenzi.

Funda: Galati 5:22–26. Zeziphi izipho uPawulos azichazayo ezikwachaza wena nomsebenzi wakho?

_____

_____

_____

_____

IThe Expository Dictionary of New Testament Words ichaza umntu wase“moyeni” ngokuthi “ngumntu obonakalalisa iziqhamo zikaMoya ngendlela yakhe.” Koku, singagqiba kwelithi, ngokuqhagamshelana kwethu noKristu, thina bantu siya kusebenza njengamakholwa kuwo wonke amacandelo obomi bethu.

Isigulana sasilele sisifa kwisibhedlela saseFlorida ngexesha esona sihlobo sisenyongweni sasilinde ecaleni lomandlalo waso. Abongikazi babengena bephuma egumbini, bekhathalele izidingo zomguli. Ngokufuna ukugcina incoko iqhubeka, isihlobo sabuza kubongikazi ukuba babeqeqeshwe phi na. Baninzi abathi bafunda kwiFlorida Hospital College. Oku kwaba negalelo elikhulu kwisihlobo. Emva koko, wathi roqo ukuhambela iFlorida Hospital College ukuba ayibone ukuba injani. Ngokuba kutheni? Kuba wabaxelela abantu ukuba abongikazi abaqeqeshwe kweso sikolo babonakala kuye benenzondelelo ukunika inkathalo enothando umhlobo wakhe ofayo kunabo babeqeqeshwe kwezinye iindawo. Oko kukuthi, wakwazi ukubona umahluko phakathi kwabo nabanye ngokwengqondo [umoya] wabo ngakumhlobo wakhe ofayo.

Emva koko, wabuza imibuzo emininzi ngekholeji leyo nomsebenzi wayo, kwathi ekugqibeleni washiya isipho se-$100,000 ukuba kufundiswe nabanye abongikazi abafana nabo ababone emsebenzini. Kunjalo, ubomi basemoyeni yindlela yobomi.

Ububonakalalisa njani obakho ubomi basemoyeni kwimisebenzi yakho yemihla ngemihla yobomi bakho? Luhlobo luni lophawu ocinga ukuba uyalwenza (kuba, ekugqibeleni, uyalwenza uphawu)?

Umsebenzi Nobugosa

"Yonke into esiyifumanayo isandla sakho ukuba siyenze, yenze ngamandla akho" (Intsh. 9:10). Eyona ndoda ilumkileyo isebenzisa la mazwi engcebiso ngokubhekiselele kubugosa kuwo onke amacandelo obomi. Xa kuthiwa makuthethwe ngobugosa bobuKristu, abaninzi bazivalela iingcinga zabo kuxanduva lomKristu ngakumthwalo wemali. Nangona imali ibalulekile ngokuqinisekileyo kumba wobugosa, ukuphelela kwimali kuphela kukubona kancinane kakhulu. Ngokwembono yolungiselelo, ubugosa bubhekisa ekulawuleni umthwalo wokuphuhlisa nokusebenzisa ngendlela eyiyo zonke izixhobo ezifumanekayo. Ebandleni, ziintoni izixhobo asisikelele ngazo uThixo? UPetros ukubeka ngokucacileyo ukuba wonke umntu unesipho asinikwe nguMdali; kwaye ubhekisa kumaKristu aphiwe eso sipho njenge"sibingeleli esingcwele" (1 Pet. 2:5) esinomthwalo kuThixo ngobugosa bazo zonke izipho zikaThixo: imali, ixesha, amandla, italene, nezinye.

Funda: Intshumayeli 9:10 no-1 Korinte 10:31. Sithini isigidimi esiza kuthi kwezi ndima esingendlela esifanele ukusebenza ngayo nokuba sifanele ukubafundisa njani abantu ukuba basebenze?

Omnye wemisele eqhelekileyo yobomi namhlanje sisiqhelo sokwahlula-hlula amacandelo angafaniyo okuphila. Kukho ubomi bokuthanda umsebenzi, ubomi bokuthanda usapho, ubomi bokuthanda izinto zikamoya, kanti nobomi bokuthanda ukonwaba. Umkhwa wokwahlula ezi ndawo zobomi ukuze kube kuncinane okanye kungabikho ukuwelela kwelinye icala phakathi kwazo uyanqweneleka kwezinye iimeko. Umzekelo, akulungile ukuzisa ekhaya umsebenzi wakhe umntu ukuze uphazamisane nemithwalo yosapho. Kanti ke, akufuneki ukusukela ubumnandi kuphazamise ixesha lokuchithwa noThixo. Sekunjalo, umqathango onjalo akufuneki usebenze kwindawo ekufuneka idlalwe bubomi bethu basemoyeni kuko konke ukudla kwethu ubomi. Umsebenzi womKristu uphuma kubudlelane noThixo. Umsebenzi yenye indlela esithi ngayo sifunde ukuza phambi kukaThixo. Ukwahlula-hlula ubomi bethu bokukholwa, simvalela uThixo kwimini enye, iyure, okanye nje kwindawo enye yokuphila, kukwala ubukho kanye bukaThixo kwezinye iindawo.

Imibuzo emibini: Kuqala, zibuze ukuba unako na, ngenene ukubahlula-hlula ubomi bakho basemoyeni. Okwesibini, ukuba unako, ungakufunda njani ukuluvumela ulawulo lwasemoyeni kuko konke okwenzayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Genesis 3, Intshumayeli 2:18–23, Efese 6:5–8; Funda: Ellen G. White, "Ukulingwa NokuWa," amaph. 52–62, kuAmanyange Nabaprofeti. Umsebenzi—isiqalekiso okanye intsikelelo? Ingathi uza njengenxalenye yesiqalekiso sesono (Gen. 3:17). Ukufundisisa kuveza ukuba kwaqalekiswa umhlaba, hayi umsebenzi. UEllen G. White uyatsho ukuthi uThixo wayejonge ukuba lo myalelo wokusebenza ube yintsikelelo: "Ubomi bokusebenza nzima, nokukhathala okwakuza kuba sisabelo somntu, wanikezwa ngothando. Luqeqesho okwabonakala ukuba lufanelekile ngenxa yesono, ukuze lubeke umlindi ekuyekelweni kwelithe nemizwa, nokukhulisa imikhwa yokuzilawula. Wawuyinxalenye yecebo likaThixo lokubuyisa umntu kwintshabalalo nokusingelwa phantsi sisono." Amanyange Nabaprofeti, iph. 60. Asingebi mhlawumbi siwenze isiqalekiso ngokuba ube sisizungu, ukubaxa ukusebenza, nokuwunika indawo ephezulu kakhulu ebomini bethu? Nokuba imeko yethu ithini, kufuneka sifunde ukuwubeka umsebenzi endaweni yawo efaneleyo. Imfundo ke yobuKristu kufuneka ibaqeqeshe abantu ukuba balifunde ixabiso lomsebenzi, lo gama kwangelo xesha linye bengawenzi isithixo.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Funda: Intshumayeli 2:18–24. Uwujonga njani uSolomon umsebenzi njengentsikelelo nesiqalekiso kwisiqendu esinye seBhayibhile? Ziintoni ezixelayo kule ndawo ngoko kunokwenza umahluko kwindlela esiwubona ngayo umsebenzi wethu?

2. Kungomsebenzi esithi sikhathalele (sikhulise) iintsapho zethu. Singayidlulisela njani ingqondo entle ngomsebenzi kwiintsapho zethu?

3. Umgca phakathi kokwenza umsebenzi omhle kakhulu ngokugqitha emgceni ngokusebenza maxa wambi ulungile. Sikugcina njani ukungawugqithi loo mgca? Bona Intsh. 2:23.

4. UPawulos ukubeke ngokucacileyo: "Kuba naxenikweni besikuni, sanithethela ngelithi, Ukuba umntu akathandi kusebenza, makangadli nokudla" (2 Tes. 3:10). Lo mthetho-siseko, phofu, uvakala kakuhle kakhulu. Zinto zini ezinokuba yimizekelo apho ungasebenzi khona? Oko kukuthi, kutheni kufuneka siqinisekise ukuba oku asikwenzi kube ngumgaqo oyimpahla yentsimbi ekungafuneki ukuze yaphulwe?